Kude kudala uThixo wathumela ngelosi uGabriyeli kwintombiambazana yomJuda egama lingy Mariya. Yathi kuye "Uyakufumana unyana umbize ngokuba nguYesu."



Uyakubizwa ngokuba
ngunyana woseNyangweni.
Uyakuphatha ngonaphakade.



"Kungenzeka njani na oku." I ntokazi yothkile yabuza. "Andazani nandoda ebomini" Ingelosi yathi kuMariya umntwama uyakuvela kuThixo. Akuyikubakho tata ongumntu waseyameni.



Ingelosi yamxelela uMariya ukuba umzala wakhe uElizabhete umzala wakhe naye uzakuba nomntwana ebudaleni bakhe. Bobabini bamdumisa uYehova.



UMariya wayezautshata nomfana ogama lingeYosefu. UYosefu wadana akufumanis a ukuba uMariya ukhulelwe. Wacinga ukuba umntwana lowo ngowenye indoda.



Ephupheni, ingelosi kaThixo yamxelela uYosefu ukuba lomntwana ngunyana kaThixo. UYosefu wayezakuncedisana noMariya ukugcina umntwana.



UJosefu wayemthembile emthobela uThixo. Kwaye wayeyithobele nemithetho yesizwe sakhe. Ngenxa yemiithetho emitsha, yena noMariya balishiya elakowabo iBhetelehem



besiyakuhlawula tekisi.


Mariya wayekulungela ukuba nomntwana. Kodwa UYosefu wayengalifumani igumbi okubelekela. Iindawo zabahambi
zonke zazigcwele.

UYosefu wafumana isitsli samahashe. Nalo usana uYesu uzelwe. Unina wambeka estalini apho kuekwa khona ukutya kwezilwanyana.



Kufutshane apho kwakukho abelusi beluse izimvu zabo. Isithunywa senkosi sabavelela sabaxelela iindaba ezilungileyo.



"Khuzelwe umthana endaweni yak ha Davide umsindisi inkhosi, nezo thola umthana ulele endaeni yezinkhomo."



Kwasuka ngesaquphe esikhulu inkitha yomkhosi wasemazulwini idumisa uThixo isithi, ...




Abelusi besuka ngokugxama okukhulu baya esitalini. Emveni kokumbona umntwana uYesu bayabikela wonke indaba ezilingileyo abazixelelweyo yingelosi zokuzalwa kukaYesu.



Emveni kwentsuku ezingamashumi anane uJosefa noMariya bamzisa uYesu etempileni eJerusalem.  Apho indoda egama linguSimon wadumisa inkosi ngokuzalwa komntwana.





Bonke babemazi ukuba uYesu ngunyana kaThixo, isithembiso Somsindisi. UYosefu wezisa umnikelo wamahobe amabini. Lowo yayingumnikelo ngokomthetho kaThixo ukuba abantu abahluphuekaya banikele xa kuzelwe umntwana.



Emveni kwexesha kwavela inkwenkwezi ikhokele izazi

ziphuma empuma yelaseJerusalem. “uphi lowo uzelweyoikumkani yamaJuda?” Zabuza zatsho. “Size kumnqula.”

Ukumkani uHerode weva ngezindaba ezixelelwa zizazi. Wakhathazeka wathi kubo bazokumxelela xa bemfumene uYesu. "Nam ndifuna ukuya kumnqula." Kodwa wayexoka uHerodenwayefuna ukumbulala uYesu.



Inkwenkwezi yakhokelela izazi kwindlu apho uYosefu nMariya noYosefu bebehlala khona nomtwana uYesu.  Zawa phantsi zaguqa ngamadolobemnqula baze banikela ngezipho igolide, imore nentlaka emhlophe.



UThixo wazilumkisa izazi ukuba zibuyele ekhaya ngenye indlela. UHerode wabanomsindo.



Ezimisele ukumbulala uYesu lo kukmkani ukhohlakeleyo wabulala onke amakhwenkwana aseBhetelehem.





Kodwa uHerode wayengena kumbulala unyana kaThixo. Belunyukisiwe ephupheni, uYosefu wayhathanuMariya noYesu baya eJiphutha.

Emva kokufa kuka kumkani uHerode, uJosefu uMaria noYesu babuyela eYiphutha.



Bayakuhlala kwisixeko saseNazarethe ngaselwndle lwaseGalili.

# Ukuzalwa kukaYesu

Ibali elisuka emzwini aka thixo, eliyiBhaibhile

Ifumaneka ku

Mathewu 1-2, Luka 1-2

“Ukutyhilwa kwamazwi akho, Kuyakhanyisa.”
Indumiso 119:130

Eli bali le Bhayibhile lisixelela ngobuhle bukaThixo wethu osidalileyo wafuna ukuba umazi Yena.

UThixo uyayazi ukuba senze izinto ezimbi, azibiza ngokuba sisono. Umvuzo wesono kukufa, kodwa uThixo uyakuthanda kangangokuba uthumele unyana wakhe okuphela kwakhe uYesu, ukuba afe emnqamlezweni ohlwaywe ngezono zethu. UYesu wavuka ekufeni wabuya wenyukela emazulwini! Ukuba uyakholwa kuYesu umcela akuba akuxolele izono zakho, uyakuza ahlale kuwe ngoku, uyakuhlala kuye ngona phakade.

Ukuba uyakholwa ukuba le yinyaniso, yithi kuThixo:
Nkosi Yesu, ndiyakholwa ukuba unguThixo, kwaye weza wabangumntu ukufela amatyala am, wabuye waphila kwakhona. Nceda ungene ebomin bam undixolele izono zam, ukuze ndibenobomi obutsha, ukuze ngenye imini ndihambe ndiyokuba nawe ngonaphakade. Ndincede ndinguthobele zendiphilele wena njengomntwana wakho. Amen.

Funda iBhayibhile uthethe noThixo yonke imihla! John 3:16